


Kudaladala kwaye kukho iibhere ezintathu: UTata uBhere, uMama uBhere kunye noBherana. Babehlala kwindlu eyayisehlathini.

T2_5 Goldilocks_big book_X.indd 1 2021/11/04 20:05



Ngenye intsasa uTata uBhere wathi, “Isidudu sethu sisatshisa. Masikhe siyokuhambahamba ngeli xesha sisapholayo.”



T2_5 Goldilocks_big book_X.indd 2 2021/11/04 20:05



UNwelezelanga naye
wayehambahamba.
Wabona indlu yeebhere.
Wankqonkqoza, wavula
ucango wangena ngaphakathi!



UNwelezelanga wazingcamla zonke izidudu. UNwelezelanga wangqengqa kuzo zonke iibhedi. “Ndiyayithanda ke le ibhedi.” watsho. “Indilungele.” Emva koko walala cum.



T2_5 Goldilocks_big book_X.indd 4 2021/11/04 20:05

Zagaleleka ekhaya iibhere ezintathu.



"Ngubani lo ebesitya izidudu zethu?" zatsho zikhathazekile.



"Ngubani lo ebelele kwiibhedi zethu?" wabuza uBherana.

"Nanku!"



T2_5 Goldilocks_big book_X.indd 5 2021/11/04 20:05



UNwelezelanga wothuka kakhulu! Waphuma ebhedini kaBherana watsiba waze wabaleka kangangoko anako! Zange ziphinde zimbone iibhere.



T2_5 Goldilocks_big book_X.indd 6 2021/11/04 20:05

